

kukuhlamba imbola akufika emlanjeni. Beye bafika ekaya, kwahl' okungaliyo. Lo mntu akakankay' into imgumbayo mntwini. Kwati kwakusa ngemini elandelayo, wavukela kwasebuhlanti, uviwe ngasebuhlant' apo seelugwaluma esiti—"Lento indingeneyo iti"—"Putuma abantu, u Nxele uyabalahla; akuko bantu baya kuvuka! Putumani inkomo yam kuye. Wasuka umzi wati casi pandle, liwute tshipa ukuba azi umntu unantoni na fan'ukuba uyageza. Ute guququ, ubekise kubo wati—"Mna lento indingeneyo iti—Makutandazwe." Bate ke abantu bakubona lonto yangumngxa; kwabikwa esizweni ngu Peyi, no Kupa. Selusuke umzi wazishwayimbana ngento ongayaziyo, engene umntu ongaka. Wakuntontelana umzi utetile umfo ka Gaba wati—"Mna lento indingeneyo, iti—Makutandazwe, injalongo ke lento akuko mntu uyakuyazi ingenguye u Ngcongolo Rev. Mr. Read umfi omdala." Zindulukile izizwe, uwuqalile umsebenzi omkulu, awawutanda kwada kwayimini ekwatiwa makawubeke pantsi umzimba owacatshulwa elutulini ube lutuli; umsebenzi lowoke wokusumayela ilizwi.

Umisimo, wati, makuputunywe la nkomo wayeyirume u-Nxele, bate bakuti abantu awayebatuma asimazi, okunye akakuvuma nayo, wati yena umntu eniyakuti xa xa niyayo emzini, nihlangane naye nguye lowo; okunye akasayikuke angavumi nayo woninikela. Kwaba njalo okunene, babuya nenkomo leyo. Ute ke makuye kushunyayelwa ku Ndlambe into emngeneneyo. Eye washunyayezwa ufike wati—"Mak'alale u-Ntsikana ndisapulapula u-Nxele. Upindise abantu wati"—lento ayitsho ukuti mandilale; iti manditete. Babuya bengenazwi. Kwati kwakubon'ukuba kunjalo, yafika imini yokuba isizwe siye kwa Gampo; apo ati u-Nxele abantu bay'akupuma kona. Saqokoza isizwe, waye u-Ntsikana esiti, niyakubona, ayiko lonto, into mna endiyibonayo niyakubuya senizingela inyamakazi. Sanele ukubamba nje kodwa, saba singaqwalasela, saqwalasela, yaba yingongolotelo. Kanti ke bay'akupuma sebezingela okunene. Waqal'apo ke umzi ukufun'ukuti ngxumbu ngokuti, inteto yomfo ka Gaba inamava.

#### UKUBIZELWA KWABANTU ETYALIKENI.

Ubesiti ngoms'obomvu, apume eme pambi kwendlu yake, ati—Sele! Sele! Sele! Sele! Yizani nonke zihlwelendi! yizani nina bantwana, nize kuva izwi lala Nkosi ilizwe libuyele langqongana, owoliva ngowolihlaulela. Sabelani niyabizw'ezulwini! Sabelani niyabizwa pezulu; Sele! Sele! Sele! Sele! Hom, hom, hom, hom. Atsho ke ati ncincilili kwase ndlwini. Yeka ke abantu ndawonye nentsapo ukuya! Womana ebubula, ebubula, pambi kokuba atyalusele ukuvuma kwaya kwaya, kaloku kwakungela abesel' ebaurumla umfo ka Gaba eseleyingwexa amehlo, kuba amehlo ake ebemakulu ebomvu; njengoko ingati inxenywe ipaule kwintsapo, nakwisihlabane sake. Ityalike ibingena kabini kusasa, nangokuhlwa emihleni yeveki, iti nge Cawa ingene katatu, kusasa, emini, nangokuhlwa. Lwaye uninzi lwa mabandla lusiti, uyageza, makasikwe, lalivusokazi elikulu elo.

[Singavuya u Mr. W.K. Ntsikana eyibale yonke imbali ka Makanda ade aye kuyipuma. Asikuko nokuba kwa le iyabuleleka kunene Ed. Sigidimi.]

#### IMBALI YASE MBO.

[IVELA KU REV. P. J. MZIMBA.]

No. 3.

Le ke yinxalenye yembali yase Mbo No. 2. ka Rev. P. J. Mzimba. Kwasuke kwapela indawo kwinyanga efileyo.

#### AMADLAMINI ASENOKOSI. NANGASENABO.

U Dlamini ka Zulu uzele u Radebe (wesibini) inkulu. Kwa Ma-Ncwana uzele onyana abane—(1) u Bublalu ozele u Mvunyiswa ozele u Mpondo no Sanqela— abazele bona o Matole, Sizani no Teka, o Diniso Tomo o Kiwani nabanye; (2) u Mpapama uzele u Marawu ozele u Pato ozele u Joel; (3) u Zombozi ozele u Mzaidumi ozele u Sidiki ozele u Baba; (4) u Ngeonjwako uzele u Mantana ozele u Mbulali. Kwantombi yakwa Nala u Dlamini uzele onyana abatatu (1) u Ngquma ozele u Mvabaza (2) u Ntumba ozele u Mqina (3) u Sinakuhle ozele u Mabele no Ndbazandile abazele o Mzandana, no Mayekiso no Bashiman. Kwa ma-Tubela u Dlamini uzel' u Mndayi ozel' onyan' abalitoba (1) u Mangwane ozele u Mzimba ozele u Ntibane, ozele J. P. Mzimba, Samuel, David, Joseph Dube, no James Laing, kwa namantombazana ke.

(2) U Rorwana no Mabala abasalela emva, inzalo yabo namhla ivakala kwa Baca (3) U Ntintili uzele u Ndlakadla Nkewu, no Mpetshu. Unina wabo ngu Ma-Mkwane. Abedlu yase kunene ngu Gobonci no Bonani. U Ndlakadla uzele u Lubisi no Lamani kwindlu enkulu. Ekuene kuzele u John, no James. U Nkewu uzele u John, Pilingane, George, Mapasa, Ngcubungwane, nabanye. U Mpetshu uzele u Mashumi, Fani, Jona, nabanye. U Gobonci uzele u Velelo, John, David, nabanye. U Bonani uzele u Tomose, James, Mzimba, nabanye. U Lubisi uzele u Mndayi, Tomose nabanye. (4) U Ludinga ozele u Ngqandulana nomnye. (5) U Mashiqana no Matebeni. (6) U Dulini ozele u Sangqu. (7) No Langa ozele Mbaleki u Ncanywa, u Zweni, u Plani, nabanye.

U Radebe wesibini inkulu ka Dlamini uzele u Ngwana ozele Mijoli, inkulu, kwa Malangwana uzala u Dzangwe, no Pezisa. U Mijoli uzele u Maqubela no Mvunga, ozele u Luzipo ozele u Ndinisa. U Maqubela uzele u Msutu, ozele u Zulu inkulu, no Tyefu ekuene. Unina ka Maqubela ib'iligo'akazi u Gubela igama lake, i Belekazi. Besakuti ukubongwa kwempi yake—

Gubel' esigubudwini,

Mabandla ka Gasa,

Kwa Gubela, akuvalwa ngamivalo

Sekuvalwa ngama k'andamadoda, njalonzalo.

U Dzangwe ozele onyana abatatu (1) U Uluse ozele u Mntwana no Nokenke, (2) u Dladla ozele u Nota no Dubo, ema Mpondweni, e Rode pesheya ko Mzimvubu, (3) u Mgijima ozele u Kapoko, Thomas, Kafi, no Canti. U Pezisa uzele u Kala u Solwa no Miya no Mzizana. U Kala ozele u Nkupiso, Mavuso, no Quqa, Madama no Zono, owondla usapo luka, Solwa.

#### IMVUNGUZANE.

Kutiwa kwati ngexa lika Maqubela wati esahleli komkulu, kwafika isaqwiti esingumvunguzane, samtabata semka naye. Kwati kwakubon' ukuba sekulityelwe kwazilwa kwancanywa, wagaleleka esapilile, kwati kuba kwakusekwenziwe zonke izinto zokusebenza eloshologu, wati akufika, bamoyika, kuba besiti sel'engumkolonjane (ghost) wabalilolo elihamba ezindle, wada wabuye wabuba.

#### UMNOMBO WAMA RELEDWANE.

U Mashwabada uzele u Mema, kwindlu enkulu no Ngob'izembe ekuene no Makwelo. Unina ka Ngob'izembe ngu Ma-Reledwane.

U Mema uzele u Matshaya no Dintsi—U Matshaya uzele u Mafu ozele u Zulu no Dlomo. U Zulu uzele onyana abalishumi linamnye u Matshoba, u Msiti no Mantinti, u Mbangini no Maraule, u Pangwa, u Mbolekwa, u Matunjwa, no Talanyana, u Lamla no Mantshinga.

U Ngob'izembe uzele u Sibanya no Mvelase, ozele u Ndaba-zandile, Mhlomi, no Citwa. U Ndaba-zandile uzele u Newana, ozele u Nkonzombi. U Mhlomi uzele u Mabele, ozele u Ndiko, ozele u Mshweshwe. U Citwa, uzele u Mdeni.

U Sibanya uzele u Lutshaba. Makwelo uzele u Mahlapahlapa inkulu, no Maguqi umninawe wake. U Mahlapahlapa uzele amawele, u Dubo elikulu, no Ntloko-mbi, afele edulini elikulu nabanye. U Maguqi uzala u Bupaluli inkosi ye Mhlanga. Iti—Vapi! ukufunga. U Bupaluli use Lusutu. Impi ka Mehlo-makulu iti ukufunga—Zulu ka Ntini! Ikolise ukuba se Wittebergen intlalo yayo.

U Lutshaba, ozele u Zimema inkulu, owafa ngemfazwe ka Mlanjeni, no Matomela ekuene. U Zimema uzele u Zulu ose Hewu ngoku. U Matomela uzele u Mbane, u Qingalendlala no Tungulula.

#### ABA KWA MADUNA.

Aba kwa Maduna nga Besutu. Imbali iti kwakuzingelwa yenye yenkosi za Mahlubi la asekuene. Kwacolwa yinkosi leyo endle apo umntu, ongu Msutu ngokuzalwa, ocitwe kowabo zintshaba nshaba ngokutiwa uliqwira, utakatile. Igama lalomfo bati abanye yayingu MAYI. Uhlale ke komkulu esicaka senkosi, yamqela inkosi yamtanda. Waba sezipakatini kwicala lakwa Mvemve wendise-lwa intombi yompakati wanomzi wake. Kwamana ukuti kwakubako umntu onetyala lokuba abulawe adliwe inkosi itume lomfo kuba ifuna ukuba abulume nge nkomo. Emke, abuye esiti nkosi ndifike lonto ingenayo nenja ngase nkomeni, ke ndimbulele ndaucita umzi. Kanti umyeke wabalekela kowake umzi, wati noko atshisayo atimbayo kanti uyakubuya azinike umninizo. Ade kaloku onke amagqwira amamenemene nabo bonke abanetyala ngantoni na enkosini basebe balekela kulomzi. Iyaqala ukwaziwa lonto

komkulu sewungumzi wamakalika odwa. Kwakutiwa mawudliwe kwabonakala ukuba kuya kufa umzi wako-mkulu. Lo Mayi ke ngu Msutu uzele u Gubevu ozele Maduna u ozele u Jiyana ozele u Nokala ozele u Bum no Godoyi. U Bum uzele u Njeje ozele u Ngwabini ozele u Faleni no Cimezile. U Godoyi uzele u Ntshikose ozele u Nqabeni, u Kufa no Ntanjana. Ako ke amadoda amakulu kwizi gubevu ngokuzalwa anje ngala—O Mangqalaza, o Mlanda, o Malgasi, o Kwatsha, abafu bo Limekaya, nabo Mpamba.

Kwaliwa licala lakomkulu lakwa Ma-Hlubi, lalwa liquba u Dlomo; lalisilwa necala lase Kunene lika Radebe, lipetwe ngu Radebe lowo uyisekazi ka Dlomo ngesiko, nakuba emzele wayemzalele u Ncobo umkuluwe wake. Yagxotwa eyakomkulu yakwa Ma-Hlubi yakulo Dlomo. Ite xa igxotwayo kwavela ama Nkomo amncedisa u Dlomo, wasel' eguqula kwakona u Dlomo, yalwa yada yancamana yombini, kungabangako ide yatshiselwa imizi. U Dlomo akavumanga kaloku ukupatwa ngu Radebe, yaseliba yimizi ngemizi mhlope, emini.

Xa kubongwa u Dlomo kutiwa—Dlomo dlundlulu; Wena ngewafela Enqobotyeni angati ama Nkomo angabiko.

Ama Hlubi lá abizwa ngonina ka Dlomo, intombi ka Hlubi.

Kutiwa xa abongwayo—

Mahlubi amahle, Mangelengele, amzimba mhle

Onga unga ngiwa nje ngowosana.

Anzipo zimnyama kuqwayana (kurwecana).

ISIZATU SEZI ZIBONGO.

Kutiwa kwati kwakuko indlala kakulu, aze ama Hlubi amane epiwa ukudla komkulu, ayeke emaninzi. Kutiwa kwakusiti xa kusakangezwa aba bangapambili kwabanye babe bemelwe ngenzipo ngaba bangasemva, bebaweca ukuba bazokukangela bacele, zada inzipo zamnyama kurwecana.

ABAKWA MSIMANGA.

U Ncobo wazekelwa sisizwe intombi ka Msimanga, yeza namadoda akowayo. Yazala u-Dlomo, kwatiwa ngu no-Dlomo ababantu bakowayo yeza nabo e ma-Hlubini yaseliba ngo no-Dlomo, amazala nkosi o no nkosi. Ekutiwa xa babongwayo:—

Ngono-Ludlwala twako Dudumakazi.

Abatwa \* abalutuli.

Mhla selegqibelele ukulwa umfo wakwa Msimanga uti—Amatambo o-Mtwa andingewadli.

Abelocala ngabafo bo Makaba o Timoti nabanye.

UMNOMBO WENKOSI ZAMAHLUBI.

U-Mtimkulu (wanqangi) uzele u Ncobo inkulu, no Radebe, ekunene.

U Ncobo uzele u Dlomo, ezalelwa ngu Radebe umninawe wake. U Dlomo uzele u Mashiyi inkulu, no Ngwebu ukunene. U Mashiyi uzele u Ntsele inkulu. U Ngwebu uzele u Jingose no Dube.

U Dube uzele u Ndlakuse inkulu, no Dayide umninawe wake, kwindlu yasekunene, no Ncetezo ix'iba.

U Ntsele uzele u Bungane. U Bungane uzele u Mtimkulu inkulu, no Mpangazita ekunene no Monakali e Mbütweni. U Mtimkulu uzele u Langa-libalele inkulu, u Ludidi, u Luzipo no Mhlambiso. U Ludidi uzele u Ntengwane inkulu, no Zono ekunene. Bonke ke aba base Griqualand East.

U Luzipo uzele u Mkatshane. Ló u Pesheya kwe Nciba ngoku. U Mhlambiso uzele u Mtóngane inkulu, no Sigonyela (Ebenezer) ekunene nabanye. Aba bakwa Matole.

U Mpangazita ukunene kuka Bungane, uzele u Sidinane, Mehlo-makulu, no Ntaba. U Sidinane uzele u Zibi. U Mehlo-makulu uzele u Ntsinda-ntsinda no Milani. U Monakali uzele u Zibi, ozele u Ncanywa, Sifuba, nabanye. Aba base Ncwazi. U Ntaba uzele u Tomose, umele i Tsitsa.

UMNOMBO WENKOSI ZASE KUNENE.

U-Zulu uzele kakulu wanda. Uzele u Dlamini inkulu, u-Mashwabada ekunene, kwizindlwana uzele u-Mtiya u-Mhlanga no Hlati. U-Mtiya uhle wabuba akabanga nanzala. U-Hlati uzele u-Magqeshela, ozele u-Lubambo, ozele u-Matiwana, u-Gatimoya, u-Tiyeka, u-Nziwani no Bikeka.

U-Mhlanga ka Zulu uzele onyana abatatu (1) U-Nzawose ozele u-Luqakaqaka ozele u Pita (2) U-Mditshwa uzele u-Zidumbu ozele u-Hlazo, u-Mavuso no Gijana. (3) U-Kakeni uzele u-Masinda ozele u-Mateke no Sikunyana.

\* Kuzekwe u-Mtwakazi yinkosi yabo.

## INGXOXO ENKULU YOMGINWA NOM:KRISTU

No. 3.

Bokumbula abalesi betu ukuba lamadoda mabini u Pakadelikoyo no Zwelizayo abambana ngolusuku lwesibini ade asuke ahlulwa lucoloti esabambene nqi kusagqibele ngenteto ka Zwelizayo. Ke namhla kanjalo kuse ekumbulana ebambana kwa ngezihlwita, kuba leyo izimisile inyawo kwicala emele lona. Uqalile kwa u Zwelizayo wati—"Kambe ntanga, uzivile zonke indawo endikubonise ngazo, ngenkohliso yomhlaba oti wena woyisile, uyolile, nemfundo, nombuso wasem-Lungwini, izinte oti wena asinto zakwaluto." Uvakele esiti—u

PAKADE-LIKOYO—

Amanq'wi, sicaka, kaundikwelele  
Masenze mafupi ukuze sivane  
Sixoxe indima, eyakususana.  
Sendite mna kuwe umhlaba woy'sile.

Umhlab' uyolile, umzi ugongqile  
Wonke wonk' upela, uvele ngonwele.  
U Satan' ubonga kutshone ne nkaba  
'Babiza ngoyise, uvav' isimanga.

Irementekazi, isil' isidwandwa  
Ivum' u Vayis' izibek' amacala  
Isit' i Tempile, yinqu yomshologu  
Ivakal' isitsho x'iqandul' iduku. \*

Umhlab' uyolile, yinkohla, yinkinga,  
Kwi miz' emidala yexa lo Nyengana.  
Ubukwa nditeta nangu Ntamekana  
Oti esavela amunye nentupa.

Umhlab' uyolile, ugangatekile  
Ulilo itsili, lityebe yabona!  
Intlangu zewonga, lityeb' uyeva na?  
Bubusi bomhlontlo, budla ngamabala.

Bapakula kulo abo S'kaloyoti  
Batyeba 'kwa lilo kwa nab' o Demasi.  
Nenkita eninzi, emawaka-waka,  
Yentlangana zonk' ezipantsi kwe langa.

Umhlab' uyolile, inkonzo zizimbo  
Inxitywe inzeku, kwa nezidlokolo  
Ibamb' ubunene, yeyako Gwexxane  
Itand' izisulu, ayiko inene.

Iqash' amafusi, ibandez' umhlaba  
Inpet' amakwele, ingene izandla.  
It' intetw' endoqo, ingw' idla ngebala.  
Maluf' olufayo, sidinwe kuncwela.

Umhlab' uyolile, akuko na mteto  
Udlokov' impela uwisa ne ndoqo  
Ese zinamava, ku NYANGE-LEMHLA.  
Zizek' izitembu, zamshiy' elubala.

Abazalikazi, bayimpamba-mpamba.  
Abanye balila esimantshiyane  
'Kushiywa lusapo, lumka bekangele.  
Beyala, belila, bengena kuviwa.

Beyala ngelizwi, beteta ngo YESU.  
Ko nyana ne ntombi, kusekuli Awu!  
Lo ntetwana yabo ay' hoywe nabani  
Ngamanz' epalele, ezintlabatini.

Inxenywe kunjenje, yenziwe ngonina  
Yanikw' imikala yokuzitandela  
Yaqela ukuya kwela kwa Notanda,  
Onina bebonga bebateketisa.

Yaw'qela umhlaba, kwa nokuzipata  
Ihamba ilala kwe lakwa Nobanda  
Kwi pati nge pati ze mizi nge mizi  
Bakolw' abazali, akwabiko hali.

Namhla zinyembezi, kwizindlu ngezindlu,  
Bonke bazigudu, bemkil' abantwana  
Bantshul' amakobo, baye kwa Notanda  
Onina balile, amehlw' azidudu.

Basing' e Tye-mali, † nakwelimb' ubedu  
Bemka kuzintsizi, ze ndlala ne rafu  
Beshiy' amaxego, edalas' emdeni  
Bemka kwakupel' akwabeta no Wani.

Nanamhla kunjalo, yintambo, bayemka  
Basehla nomcinga, bayalindundula  
Beshiy' amaxego ambete izandla  
Intlanti zazala nangu mqolodiba.

Asele nentsizi zomhlab' olitsweba  
Axap' amagwebu, zibongobiyana.  
Ate nzwi nendiebe ngamanqelekuma,  
Ayise baninzi, bangenamagama.